

# Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English /isiXhosa

EyoKwindla 2020 Ushicilelo 1

**STATE OF THE NATION ADDRESS**

**GROW SOUTH AFRICA**

**SONA special edition**

## Inclusive growth for all South Africans



Image: by Jure Senekal

**“Agriculture is one of the industries with great potential for job creation.”**

President Cyril Ramaphosa

Food security is a priority for Nophelo Zanani who is an emerging farmer for Siyazama Community Food Garden in Khayelitsha.

More on Page 8



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

### CONTACT US


Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Website: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:  
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

**FREE COPY NOT FOR SALE**



## Abantu abatsha balikamva lelizwe lethu

**U**kufakana imilomo nabantu abatsha ku-soloko kundishiya ndinodlamko. Kuyavuyisa ukuqonda iingxaki neempumelelo zalo kunye nemibono yalo ngento enokwenziwa ukuphucula eli lizwe.

Liyinene elokuba abantu abatsha basisininzi, bangundabamlonyeni kwaye izingqi zabo ziyavakala kwisizwe siphelo.

Umbono wokuba batyhafile, abanamdla kwezopolitiko okanye bayazingca, uyaphikiswa ziziphumo zamaphulo ophando aqhutywe apha ekhaya nakumazwe aphesheya angqina ukuba abantu abatsha kwihlabathi liphela bahlala benethemba lamathuba amahle okuphumelela ebomini.

Ngokwakufunyaniswe kwi-Ipsos Pulse of the People eyakhutshwa kwinyanga yoMqungu, iipesenti ezingama-61 zabemi boMzantsi Afrika abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 baziva benethemba malunga nowama-2020.

Andithandabuzi ukuba olu luluvo lwabantu abatsha ngokubanzi ingakumbi eli qela lazalwa ekuqaleni kwale nkulungwane, ekungoku nje bafika kwinqanaba lobudala, olubizwa ngokuba ngama-2000.

Ngumlisela nomthinjana owazalwa emva kokuba eli lizwe lifumene inkululekoi. Nangona bengenazivubeko bona buqu zenkohlakalo yombuso wocalucalulo, bayaqhubeka nokuphila nentlungu eyashiywa ngulaa rhulumente yokungalingani ngokobuhlanga, ukubandezelelwa umhlaba kunye nentlupheko. Olu lutsha luzithembile, luzazithemba kwaye luyaphuphuma ngamabhongo. Bayawazi amalungelo abo kwaye aboyiki ukuwabanga.

Ulutsha lwelizwe lethu lubonakalisa amandla, ithemba, ulonwabo, ukubanakho, ikamva nenkululeko.

Basisizukulwana esiphila

ngobuchwepheshe beli xesha esisebenzisa ubugcisa bale mhla ngokuchanekileyo kwaye bajonge ukungena kumakhondo emisebenzi angazange abekho ngexesha labazali babo.

Ngaphambi kweNtetho kaMongameli engoBume beSizwe ndiye ndaba nethuba lokunxibelelana neqela lolutsha elinamandla kwindibano yoku-fakana imilomo ibiququzelelwe yi-Arhente yeSizwe yoPhuhliso loLutsha.

Sixoxe ngemicimbi ebaluleke kakhulu kulutsha kwaye savavanya iindlela esinokuthi singqamanisa izimvo kunye neentshukumo zethu.

Ngokuqinisekileyo, umba wokufumaneka kwemisebenzi namathuba ubuphambili kwiingxoxo zethu. Kwisigidi esi-1,2 solutsha esifikelela kwinqanaba lukhangela imisebenzi kunyaka ngamnye, phantse isibini kwisithathu sihlala singasebenzi okanye singafundi.

Abathathi-nxaxheba kwezi ngxoxo bayayichulumancela into yokuba umba wokuqeshwa kolutsha ufumana ingqalelo kwelona nqanaba liphezulu likarhulumente.

Noko kunjalo babonakalisa okwa kuzimisela baziwa ngako: babekulungele kwaye bezimisele ukufaka isandla kuqoqosho ngeendlela ezahlukeneyo, kuquka ukuba ngoosomashishini, kodwa ubucukubhede obugqithisileyo babasemagunyeni kunye nokusilela kwenkxaso-mali kuyabathintela ekwenzeni oko.

Njengoko uBright Hlongwane ovela kwi-Youth in Business South Africa endixelele, kufuneka kubekho inkxaso-mali eyandisiweyo eya koosomashishini abasebatsha. Bangathanda ukubona amaziko ahlukeneyo ezemali, amaziko abolekisa ngemali yophuhliso, abatyali-zimali abolekisa ngemali engenanzala, iinkampani ezishishina ngezabelo kunye neebhanki

zorhwebo eziboleka imali ngetyala zize zixhase oosomashishini abasebatsha.

Ukuze ilizwe lethu liphumelele kwaye likhule kufuneka senze konke okusemandleni ethu ukuqinisekisa ukuba ulutsha luyakwazi ukuthatha inxaxheba kuqoqosho lwethu ngendlela enenjongo, nokuba kukuqeshwa okanye ukuzisebenzela.

Kufanelekile ke ukuba ndisebenzise eli qonga ukumisela uNgenelelo lukaMongameli kwiNgqesho yoLutsha (i-*Presidential Youth Employment Intervention*), nto leyo ingumbono wesizwe kunye nesicwangciso esibonisa amanyathelo okusebenza angxamisekileyo ukujongana nentswela-ngqesho kulutsha.

Oku kuquka inkqubo yesizwe yokufunela abantu imisebenzi ethi idibanise abantu abafuna imisebenzi kunye namathuba omsebenzi. Oku kuyakwenza ukuba ulutsha lukwazi ukufumana amathuba njengoko abanye kubo bengenazo iindlela ezenza ukuba kube lula ukufumana amathuba afanelekileyo.

Kuza kuqaliswa izifundo zoqeqesho ezikhethekileyo zexeshana ezijolise kwizakhono ezifunwa ngabaqeshi. Oku kujolise ekushukuxeni ingxaki yokungahambelani phakathi kwemfundo esele ikho, iinkqubo zoqeqesho nezophuhliso kunye nezakhono ezifunekayo kuqoqosho lweli lizwe.

Siyawamkela umsebenzi osele wenziwe kule ndima, njengenkqubo eqhutywa ngoku lisebe lezoLimo, uHlenga-hlengiso loMhlaba noPhuhliso lwaMaphandle kunye nelezeNtsebenziswano kuLawulo neMicimbi yezeMveli yokuqeqesha i-1000 labantu abatsha eFreyistata kwezolimo nakwezinye izakhono.

Uninzi lolutsha lufuna ukuqala amashishini alo. Kunqongophele izakhono zobugcisa ezinokulunceda ukuba luziqa-

lisele amashishini. Eli nyathelo lokungenelela luya kuxhasa ukukhula koosomashishini abasebatsha. Ushishino ngokuqinisekileyo ayisisombululo, kodwa ndiqinisekile ukuba le yenye yeendlela ezisebenzayo neziqinisekisiweyo zokubonisa ubungqina kunye nenjongo, umbono wokuba lilungu, nethemba lekamva lolutsha.

INKqubo kaMongameli yeeNkonzo zoLutsha (i-*The Presidential Youth Service Programme*) inika abantu abatsha ithuba lokuba bafake isandla kumaphulo okuphuhlisa iindawo abahlala kuzo. Eli nyathelo lenzelwe ukwenza utshintsho luze lwenze impebelelo, ngokuchasene neenkqubo ezingaphelelanga ezithe zaba nempembelelo encinci.

Ndazisile kwakhona kwiNtetho kaMongameli engoBume beSizwe ukuba siza kubekela bucala i-1% yohlahlo-lwabiwo mali lwesizwe kwiphulo lokuqeshwa kolutsha. Inani leenkqubo neprojekthi ziyilelwe ukushukuxa lo mngeni wesizwe.

Ulutsha lwesizwe sethu lukubona ngokucacileyo oku njengesizwe esinamathuba nezithembiso, nangona kukho imiqobo neengxaki oluhlangabezana nazo. Kule veki iphelileyo ndiye ndadibana nolutsha lwaseMzantsi Afrika olwandenza ndazingca ukuba sisuka phi nempumelelo yethu.

Kukho ulutsha oluzibandakanye kwezemidlalo olufana noSim 'Tiger' Tshabalala oneminyaka esi-8 onesiphiwo esimangalisayo ophumelele iimbasa ezininzi zegalufa kwihlabathi. Ubekwe kwindawo yesi-7 kwihlabathi kwiqela lakhe lobudala kwaye uphumelele ukhuphiswano lwegalufa lwaseMelika kabini. Umoya wam waphakama xa umfundi weBanga le-11 uSinyolo Qumba ovela e-Orange Farm wandibhalela malunga noko kufanele ukuba kubekho-

na kwiSoNA yalo nyaka. Uye wajoyina iqela lethu lokubhala intetho kwinkqubo yoyilo. Kukho amatsha-ntliziyo afana no-Ayakha Melithafa osuka e-Eerste Rivier eNtshona Kapa, obezimase i-World Economic Forum eDavos ukucela iinkokheli zehlabathi ukuba zime ngokuqinileyo kubulungisa bemozulu. Ndamangala xa ndandidibana noMichelle Nkamankeng, oneminyaka eli-11 ubudala, ongoyena mbhali umncinane e-Afrika kwaye ubalwa phakathi kwababhali abaphezulu abalishumi abancinci kwihlabathi. Umbhali weencwadi ezisixhenxe owathi wabhala incwadi yakhe yokuqala eneminyaka emi-6 ubudala. Njengoko uNjingalwazi Jonathan Jansen wathi ukumchaza: "Unokuzithemba, uyacacisa, unokuqonda kwaye unothando."

Ngabantu abatsha abafana naba abalingomso nekamva eliqaqambileyo lesizwe sakuthi, abasikhumbuzayo ukuba le nkululeko siyixhamlayo yalwela ngegazi neenyembezi likhaba lakuthi elalizimisele ukuba ayilulo kuphela, kodwa ngabo beza emva kwabo, ekufuneka bahlale ekukhanyeni kwenkululeko

Kufuneka siqhubeke sisebenzisana njengorhulumente, amashishini, ezabasebenzi noluntu ukuqinisekisa ukuba umthwalo wokungaphangeli awuqhubeki ukutyhafisa ulutsha lwethu, ukutyumza imimoya yalo nokulwenza ukuba luphelelwe lithemba. Ndiqinisekile ukuba iintshukumo esizichaze kwi-SoNA ziya kubonisa umda omtsha wophuhliso lolutsha.

Njengoko uFrantz Fanon esitsho, kukwisizukulwana ngasinye ukufumanisa injongo yaso. Esi sizukulwana sifumene ezaso. Kukuthi ngoku ukuba siluxhase ukuze luzifizekise. Kuyinyani eyimbali ukuba ukungaphumeleli kwesizwe ukukhulisa ngempumelelo nokuphucula amandla obuchule bolutsha bayo kupela ukutshabalala kwekamva lelo lizwe. **U**

# Abakwa-BMW bazibandakanya nephulo lokulwa ukuhlukunyezwa ngokwesini

**A** b a k w a - B M W Group South Africa banikezele ngeemoto ezintlanu zohlobo lwe-BMW i3 ziza kusetyenziswa ngabagcini basekuhlaleni ukuze bafikelele kumaxhoba okuhlukunyezwa ngokwesini.

Ezi zithuthi zamkelwe nguMongameli Cyril Ramaphosa noMmeli-lizwe (iTshanse-la) waseJamani u-Angela Merkel. Zinikezelwe kwi-South African Business Coalition on Health and Aids (i-SABCOHA) (Imbumba yoMzantsi Afrika yezeMpilo neNgculazi) ukuze zibe phantsi kolawulo lwazo egameni leKomiti yeXeshana yamacandelo amaninzi ajongene nokuhlukunyezwa

ngokwesini nokubulawa kwamanina.

Igalelo leqela lezithuthi ezihamba ngenjini libonisa intsebenziswano ekhulayo phakathi korhulumente noluntu, nto leyo equka icandelo loshishino nentsebenziswano yamazwe ngamazwe ekulweni ukuhlukunyezwa ngokweSini nokuBulawa kwaManina.

Eli linge yinxalenye yeNgxowa-mali yeNguqu kwiShishini leZithuthi ezihamba ngenjini (i-Automotive Industry Transformation Fund) (ezizigidi zezigidi ezithandathu zezand - R6 billion) eyasekwa ngenjongo yokugququla isimo sezithuthi ezihamba ngenjini ukuze abe nakho amaqela ayekade ehlelelekile nga phambili ngokwembali,

kuquka amanina, ulutsha nabantu abakhubazekileyo

ukuthatha inxaxheba kweli candelo.

Ethetha kumsitho wokunikezelwa kwezithuthi owawubanjelwe kwiziko leemveliso leQela lakwa-BMW eRosslyn, eTshwane, kutshane, uMongameli Ramaphosa uthe ezi zithuthi ziza kunceda ekusindiseni ubomi babantu. Ubabulele abakwa-BMW ngokuthi babe yinkampani yokuqala ukuphisa njengelizo ngezithuthi, wakhuthaza nezinye okokuba nazo zenze njalo.

“Le nto ebonisa ngokuphathekayo imbumba yobumi obulungileyo ngokuthumela umyalezo olungileyo nocabileyo esingathanda ukuba nezinye iinkampani ezininzi ziwuthathele ingqalelo, ziwamkele.

“Ubukho bakwa-BMW eMzantsi Afrika bubonisa amaqhina oqoqosho aqinileyo ekudala ekhona phakathi kweJamani noMzantsi Afrika,” utshilo uMongameli Ramaphosa.

Isicwangciso sokusabela ngexesha likaxakeka ukuze kushukuxwe umbawokuhlukunyezwa ngokwesini (i-GBV)

Urhulumente ebesoloko

esebenzisa isicwangciso sokusabela ngexesha likaxakeka ukuze kushukuxwe umbawokuhlukunyezwa ngokwesini nokubulawa kwamanina (i-GBVF).

Isicwangciso seSizwe esiQiqisisiweyo mayelana nokuhlukunyezwa ngokweSini nokuBulawa kwaManina (i-National Strategic Plan on GBVF), esidandalazisa uthotho lwamanyathelo okuhlasela ukuhlukunyezwa ngokwesini nokubulawa kwamanina naso senziwe.

“Esi sicwangciso sijolise ekuqiniseni iinzame zokuthintela, nokuqinisekisa ukhuseleko nobulungisa kumanina nabantwana belizwe lethu. Esi sicwangciso sikwachaphazela ukuxhotyiswa kwezoqoqosho, umbawobaluleke kangangokubathina, njengorhulumente, siza kujolisa kuwo,” utshilo uMongameli Ramaphosa.

INTloko yeQela leMveliso nokwangusihlalo wakwa-BMW South Africa, uGq Milan Nedeljkovic, uthe abantu abangama-4 000 eMzantsi Afrika baqeshwe ngqo liQela lakwa-BMW, kuquka abaphathi abane kwabahlanu abangabalapha ekhaya.

Ukongeza koku, uNedeljkovic wathi bangaphezu kwama-40 000 abantu abaqeshwe ngokusebenzisa amanye amaziko oncedo ale nkampani eMzantsi Afrika.

“Iziko lethu lokuqala lezoqeqesho olusesikweni lakwa-BMW SA lavula iingcango zalo ngowe-1978, kwaye ukususela ngoko, bangaphezu kwama-2000 abantu abaye baqeqeshwa kwa-BMW baza bafumana nemisebenzi kwa-BMW.

“Kwiminyaka emithathu edluleyo, inkampani yavula iziko loqeqesho ukuze inyusele izinga lokuqeqeshela ubugcisa kwelinye elitsha,” utshilo uNedeljkovic.

Uthe uluvo lwenkampani luthi imfundo sisitshixo sempumelelo kwaye “ukusoloko ufunda ngoncedo lweQela labakwa-BMW yinxalenye yaloo mpumelelo.”

“Uza kuthi ufika unyaka wama-2025, siza kuxhasa isigidi sabantwana nabantu abatsha kwihlabathi liphela ngeenkqubo zemfundo ezijolise kuzo, sijolise kwiinkqubo zezakhono.”

[SAnews.gov.za](http://SAnews.gov.za)



■ UMongameli Cyril Ramaphosa kunye neNgqonyela yaseGermany, u-Angela Merkel kumsitho wokunikezelwa kweemoto ezisisipho esivela kwa-BMW eziza kuncedisa kumaphulo okulwa i-GBVF.

○○○

## Protection for abuse victims



**P**resident Cyril Ramaphosa says the Domestic Violence Act will be amended to better protect victims in

violent domestic relationships.

Delivering the State of the Nation Address (SONA) before a joint sitting of the two houses of

Parliament, President Ramaphosa said the Sexual Offences Act will also broaden the categories of sex offenders whose names must be included in the National

Register for Sex Offenders.

“We will pass a law to tighten bail and sentencing conditions in cases that involve gender-based violence (GBV),” President Ramaphosa said.

President Ramaphosa noted that over the past six months, communities, government, civil society, religious groupings, the judiciary and Parliament want more to be done to end the crisis of violence perpetrated by men against women.

“It has been a truly united and determined response from all South Africans. Through building social compacts across society to fight this scourge we will be able to achieve much more ... but it is only the beginning of the struggle.”

He said that progress has been made in several areas including the implementation of an Emergency Action Plan to deal with the scourge of GBV.

“We implemented an Emergency Action Plan and reprioritised R1.6 billion to support this plan until the end of the current financial year.”

The plan focuses on improving access to justice for survivors of violence and prevention campaigns to change attitudes and behaviour.

The plan also involves measures to strengthen the criminal justice process and to prioritise the creation of economic opportunities for women who are vulnerable to abuse.

[SAnews.gov.za](http://SAnews.gov.za)

# Learners transforming communities



■ Pupils from Oranje Oewer Primary School in the Northern Cape won first prize for coming up with a waste management project to keep their school environment clean.

## More Matshediso

**E**mpowerVate Trust is a youth development non-profit organisation (NPO) that works in partnership with the Department of Basic Education (DBE) to give learners an opportunity to become agents of change in their communities.

It runs a well-established initiative called the Youth Citizens Action Programme (Y-CAP), which is a competition-based programme that encourages learners from primary and secondary schools to identify challenges affecting their schools and communities and come up with solutions.

EmpowerVate Trust Founder

and Chief Executive Officer Amanda Blankfield-Koseff said the idea to establish the programme came to her while she was working for a non-governmental organisation as a marketing manager.

Back then, she was responsible for facilitating youth dialogues to discuss problems facing communities.

place, and four teams that came second place won R2500 each.

Oranje Oewer Primary School in the Northern Cape won the 2019 beginner category. The team won first prize for a waste management project to keep their school environment clean.

Because Y-CAP is a partnership between an NPO and a government department, it won the Special Ministerial Award in the 17th Public Sector Innovation Awards 2019.

The DBE said partnerships with civil society are important because they are instrumental in mobilising society in support of the education of learners. It explained that while the school takes care of formal curricular education matters for children, civil society strengthens the informal co-curricular educational aspects, which are essential for the development of a well-rounded and holistically educated child. **U**

"I realised that young people were excited to be given a platform to talk about issues affecting their communities and to suggest solutions, but it was just a 'talk show' and that eventually discouraged them," she explained.

Blankfield-Koseff suggested to her boss that the programme be changed into an action programme so that it could be impactful, with concrete results, and was given the go-ahead to run with the project. It was decided that it would proceed as a school competition to incentivise participation.

The programme was pitched to the education department and in 2010, Y-CAP held its first competition. The pilot project was run in four provinces – the Eastern Cape, KwaZulu-Natal, the Western Cape and Gauteng.

Last year, 400 schools from across the country participated.

Four teams from different schools including primary, secondary, beginner and advanced level categories won a tablet and R5000 each for coming first

**If you want your school to be part of the programme, you can email [info@empowervate.org](mailto:info@empowervate.org) for enquiries.**

# Cwangcisa iimali zakho ngobulumko

## \*UGq Rufaro Mucheka

**U**nyaka omtsha lithuba lesiqalo esitsha, uzibekele iinjongo ezivakalayo, uzibekele iinjongo ezilulutho, ukudala ukuziqhelanisa nezinto ezintsha kwaye ulungelelanise indlela zakho zangaphambili zokusebenzisa imali ukuqinisekisa ikamva elizizileyo.

Iimeko zoqoqosho zowama-2020 zibonakala ngathi ziza kuba nobuzaza kunakunyaka wama-2019, kunyanzelekile ke ukuba iimali zakho uzijonge nzulu ngeliso elibukhali.

Ukuzimela ngokwasezimalini yinjongo ebukeya kakhulu, kodwa bambalwa kakhulu abantu abaziyo okokuba baqale phi na. Ukuba neendlela ezimbalelwe ezifanelekileyo zokuphatha imali kuza kukunceda

okokuba unyaka wakho omtsha uwulungiselele impumelelo.

Ukuze uqinisekise ukuba ufezekisa iinjongo zakho zezezimali, unokuthathela ingqalelo iinjongo ze-**SMART** ngekamva eliqinisekileyo lezezimali. Oku kuthetha ukubeka iinjongo ezilolu hlobo lulandelayo:

- **Ezizodwa** (*Specific*)
- **Ezilinganiselekayo** (*Measurable*)
- **Ezifizekayo** (*Achievable*)
- **Ezifaneleyo** (*Relevant*)
- **Ezinexesha elimiselweyo** (*Time-bound*)

Ukongeza, kubalulekile ukuba ucwangcise iimali zakho ngononophelo. Nazi ezinye zeengcebiso ezingakunceda:

Zibekele iinjongo zakho zezezimali – Cinga ngoqeqesho lwakho lwezezimali kunyaka wama-2019 wandule ukuzibekela iinjongo ezintsha kulo wama-2020.

**Wahlawule onke amatyala akho** – Beka nayiphi na iimali eseleyo okanye ngebhonasi nokunyuswa kwemivuzo, cima amatyala ngazo, njengoko ukuhlawula ityala ngokukhawuleza kungakusindisa kwinkenkebula yenzala.

**Lungelelanisa uhlahlo-lwabiwo mali lwakho ngokweemfuno** – Ngokumana ulandelela indlela ochitha ngayo imali, yenza uhlanga-hlengiso oluyimfuneko kuhlahlo-lwabiwo mali lwakho, nyusa imali oyigcinayo, uze unciphise inkcitho yakho. Ukuba unyuselwa umvuzo, inxalenye yawo yigcine endaweni yokunyusa indlela oyisebenzisa ngayo.

**Hlaziya iipolisi zakho ze-inshorensi** – Hlola ubomi bakho, impilo, ubulwelwe ne-inshorensi yakho yethutyana ukuqinisekisa ukuba iimali zihambelana neemfuno zakho.



**Thethani ngokukhululekileyo ngemali neqabane lakho** – Kukho umkhutyana wokuba amaqabane afihlelane imicimbi yezezimali. Yibani neentlanganisano zenyanga nenyanga zokuxoxa ngohlalo-lwabiwo mali, iinjongo zenu ngemalinento eniyifunayo ninobabini kwilixa elizayo. Thethani ixesha ukwakha umbono enabelana ngawo ngekamva lenu enilifunayo.

**Hlalani uhlahlo-lwabiwo mali lwenu lokuzonwabisa** – Funani izinto zasimahla zokuzonwabisa apha ebumelwaneni ezifana neepaki, amathala eencwadi nezinye izinto eninokuzenza ebumelwaneni. Zininzi iindlela zokuzonwabisa ngaphandle kokuchitha imali.

Iingcebiso zokukunceda unamathele kwisicwangciso sakho Ukunamathela kwisicwangciso

sakho sezezimali akusoloko kulula, kodwa yiba nezi njongo zilandelayo:

- Jonga rhoqo ii-akhawunti zakho zebhanki – hlola indlela ochitha ngayo imali.
- Zilungiselele izinto ezinokubuyisela umva.
- Lityeshele ityala ongalicwangciselanga.
- Thenga izinto ezifanelekileyo. Zibuze: Ingaba nyani ndiyayinga le nto? Ingaba le nto yinxalenye yesicwangciso sam sezezimali?
- Dibana nomcebisi wezezimali ukuba awuyazi ukuba ungaqala phi. **U**

**UGq Rufaro Mucheka (PhD) nguMchwangcisi wezeziMali oMiselweyo nokwayiNtloko ye-Strategy and Rest Of Africa kwiCandelo loCwangciso-zimali eNedbank.**